Okuphuma Ebhayibhileni Nesikhokelo kuVoto 2019

"Uze uzikhangelele ebantwini bonke amadoda anobunkunkqele ekuthetheni amatyala, amoyikayo uThixo, amadoda anyanisileyo, ayithiyileyo inzuzo embi, uwamise phezu kwabo…" iEksodus 18: 21

Permission to reprint in its entirety is granted and encouraged. Editing or altering of the Voters' Guide is not permitted.

Imiba	Bhayibhile	ACDP	ANC	CDP	COPE	DA	VF	IFP
Ezimvumayo uThixo	*"Hayi uyolo lohlanga oluThixo walo unguYehova" Indumiso 33:12*	**Ewe**[1]	**Hayi**[2]	**Ewe**[3]	**Hayi** [4]	**Hayi** [5]	**Ewe**[6]	**Hayi**[7]
Ukuchasa uqhomfo	*"Hlangula abasiwa ekufeni nabanjingxela baye ekubulaweni" Imizekeliso 24:11*	**Ewe**[8]	**Hayi**[9]	**Ewe**[10]	**Hayi**[11]	**Hayi**[12]	**Ewe**[13]	**Hayi**[14]
Imfundo: ulawulo lwabazali kunye nenkululeko kwezenkolo	*"Nani boyise….bondleleni ekuqeqesheni nasekululekeni kwenkosi" Kwabase-Efese 6:4*	**Abazali**[15]	**Urhulumente**[16]	**Abazali** [17]	**Urhulumente** [18]	**Urhulumnte /Abazali** [19]	**Abazali** [20]	**Urhulumente/ Abazali**[21]
Urhwebo olukhululekileyo (ukuchasa okokuba amashishini abesezandleni zikarhulumente)	*"Uze ungebi …. uze ngawunqweneli umzi womelwane wakho" iEksodus 20:15-17*	**E/H**[22]	**Hayi** [23]	**Ewe** [24]	**E/H**[25]	**E/H** [26]	**Ewe** [27]	**E/H** [28]
Isigwebo sentambo kobuleleyo	*"Ophalaza igazi lomntu, igazi lakhe lophalazwa ngumntu" iGenesis 9:6*	**Ewe** [29]	**Hayi** [30]	**Ewe** [31]	**Hayi** [32]	**Hayi** [33]	**Ewe** [34]	**Hayi**[35]
Ukuzikhusela (ukulawula/ ukuphatha umpu)	*"Liqula eligxojiweyo, ngumthombo owonakeleyo, Ilungisa elikhwelelayo phambi kongendawo." Imizekeliso 25:26*	**Ewe** [36]	**Hayi** [37]	**Ewe** [38]	**Hayi** [39]	**Ewe/ Hayi** [40]	**Ewe** [41]	**Hayi** [42]
Ukuchasa abantu besini esinye abathandanayo	*"Indoda esukuba iyilala indoda…abo benze amasikizi" Levitikus 20:13*	**Ewe** [43]	**Hayi** [44]	**Ewe** [45]	**Hayi** [46]	**Hayi** [47]	**Ewe** [48]	**Hayi**[49]
Ukuchasa ingcinezelo kwanobuhlanga (Affirmative Action)	*"Masibesinye isigwebo senu kum Phambukeli nakozalelwe ekhaya NdinguYehova" Levitikus 24:22*	**Hayi** [50]	**Hayi** [51]	**Ewe** [52]	**Hayi** [53]	**Hayi** [54]	**Ewe** [55]	**Hayi**[56]

Eighth Edition

Olu shicilelo lubalulekile kwimbono zala maqela nakwa manye amaqela, ngokwezihlalo nemisebenzi yawo kwiChristian Action Network's Policy Survey.
Jonga ngasemva okanye uhambele amanye amaqela epolitiki akoyo kuluhlu lwabovotelwa www.SAvotersguide.org.
Ingcombolo ethe vetshe fumana i***Biblical Principles for Africa*** kwi***Christian Action Network:*** 021 - 689-4481, info@christianaction.org.za, www.christianaction.org.za.

EZIMVUMAYO uTHIXO (iEksodus 20: 3; 2 Izikronike 7:14; Iindumiso 9:17 & 127:1)

1. IAfrican Christian Democratic Party (ACDP) ikholelwa okokuba uMzantsi Afrika lilo kuphela uhlanga oluphantsi kukaThixo.Uhulumente wonyulwe nguThixo ukuzisa isidima kwakunye namalungelo kuluntu lonke, ukwakha ubulungisa nokujonga oxolo nenzondo- (ACDP Policy Principles)
2. IAfrican National Congress (ANC) Ivotele ukuguzula "ngentobeko ukuvuma uThixo"kumgaqo siseko omtsha kucaciswa okokuba uMzantsi Afrika "lilizwe apho abantu benza ngokuthandwa ngabo"
3. IChristian Democratic Party yone iceba ukufaka "ngentobeko ukuvuma uThixo" nakuwuphi umgaqo siseko wexesha elizayo. (Christian Action Network Policy Survey)
4. ICongress of the People iyawuxhasa umgaqo siseko okhoyo okhuphela ngaphandle "ngentobeka ukuvuma uThixo". "Siyaluqonda uxanduva esinalo lokukhusela umgaqo siseko njengento ekuphela kwayo esiyibanga ngokudibeneyo thina bomZantsi Africa. (COPE Policy Documents).
5. iDemocratic Alliances (DA) ivotele umgaqo siseko omtsha, mgaqo lowo ukukhuphela ecaleni ukuzithoba kukaThixo ebantwini" ayikwazanga ukumvumela uThixo kwiPolisi okanye kwiFounding Principle.
6 IFreedom Front iyamvuma uThixo kwezinto zentetha ezenzayo. Umzekelo. " Umtshato wamiselwa nguThixo ngokusesikweni phakathi kwendoda nomfazi. Icatshulwe kumiselo lomtshato phakathi kwabesini esifanayo. Ipapashwe nge1/12/2004
7. Inkatha Freedom Party (IFP) kumgaqo wayo imkhuphela ngaphandle uThixo kuzo zonke ipolisi zayo.

UKUKHUTSHWA KWEZISU (Eksodus 20:13 Eksodus 21:22-24, Imizekeliso 6:17 & 31:8-9)

8. ACDP - Thina sikholelwa ekubeni ubomi buqala esizalweni kwaye abantwana kufanele bafumane ukhuseleko olusemthethweni.Uqhomfo silubiza ngokuba lingcwaba elingcolileyo okanye yintlekele.(Policy Document;Abortion and Euthanasin) Votela ukulwa oqhomfo olusemthethweni.
9. ANC - Sizinikele ekubeni silwe ukwehliswa kwamanqanaba omitho olungalindelekanga. (ANC Parliametry Speech 29/10/1996) Votela ukupheliswa koqhomfo olusemthethweni.
10. CDP - Umntwana ongekazalwa unelungelo lokuphila. (Impendulo kwi iPolicy Survey yeChristian Action Network).
11. COPE - I-COPE ayikaphikisani nokukhupha izisu. Ngokwazi kwethu, iinkokheli ze-COPE azikathathi manyathelo okuhlangula iintsana ezibulalwa zingekazalwa.
12. DA - Ukuba (yiPRO-CHOICE) oko akuthethi okokuba sivumelana nokukhutshwa kwezisu. Eli lilungelo likamama wokuba oomama bakwazi ukuzikhethela ngezinto ezizimfihlelo zabo. (DP Parliamentry Speech 29/10/1996).Kwavotelwa okokuba uqhomfo lubesemthethweni.
13. FF - Yavota ngokuchaseneyo neenguqulelo ezenza kubelula ukuqhomfo. 19/08/2004 – Umpoposho wonondaba (Media release): Ukuzikhethela ukuqhomfa.
14. IFP - Uqhomfo olungatshutshiswayo alufunwa okanye aluhambisani neIFP,ngamagama acacileyo akunikisi mdla ekuhlaleni.Yona IFP ikholelwa ekubeni ukukhutshwa kwezisu kufanele okokuba lwenziwe kuphela xa,umntu enengxaki yokuphazamiseka engqondweni, udlwengulo, na xa usana luvele lungahlelanga esibelekweni, ingozi evele ekubelekeni, umitho labantwana, ngokwemvume yabazali kwakunye nokusetyenziswa kwamayeza.

URHULUMENTE (iDuteronomi 6:1-7 Indumiso 78:4-7 & Kwabaseolose 2:8)

15. ACDP - Asilufuni ungenelo lukarhulumente kwizikolo ezifundisa ngenkolozabantwana, eli lungelo kufanelwe okokuba lilawulwe ngabazali kwakunye nabahlali, hayi urhulumente (ACDP Policy Document Reasons For Rejecting the Constitution)
16. ANC - Urhulumente unoxanduva oluninzi kwezemfundo nasekuqeqesheni (ANC Policy Framework for Education and Training)
17. CDP - I-CDP ikholelwa ekubeni, "imfundo yabantwana iluxanduva lwabazali yaye ke ngoko ngabo abanegunya lokuqinisekisa ukuba abantwana bafumana imfundo abayinqenelayo nabayihlawulelayo njengoko ingabo abahlawuli berhafu. (iPolicy Survey yeChristian Action Network).
18. COPE - I-COPE ikholelwa ekubeni urhulumente aqeqeshe ootishala, nezikolo zonke zinikwe uxanduva lokusebenzisa iOutcomes Based Education (Policy Documents & 2009 Elections Manifesto).
19. DA - Intsebenziswano nobambiswano kungakhokelela ekubumbeni umanyano ekuhlaleni,ebazalini.Imibutho engalawulwa ngurhulumente (NGO's) kwakunye namashsishini abucala ....imibutho yabazali nabafundi kufanele ibenegunya lokuthanasiphina isigqibo malunga nokukhetha iinkolo abafuna zifundiswe ezikolweni zabo...ngokomgaqo welizwe nangoko mgaqo wezikolo! (Policy Document Liberation through Education)
20. FF - Isikolo nemfundo sisongezelelo kuxanduva lwabazali lukukhulisa abantwana. Kuba abazali behlawula irhafu, bayibona iyimali yabo esetyenziswa ngurhulumente ezikolweni yaye iililungelo labo ukwenza izigqibo ngobume bezikolo. (Ingxoxo mpikiswano ngemfundo epalamentu nge 20 May 2003).
21. IFP - Bonke abazali mabalamkele uxanduva lokusebenzisana nezikolo ekwakheni umdla kwimfundo yabantwana baseMzantsi Afrika (22 Women's Brigade Annual General Conference)Imfundo yandisa amathuba okokuba abantu bahlale ndawonye kwaye ikwasisixhobo esiqeqesha usapho. Ngoko ke abazali,nabahlali,kufaneleokokuba ibengabo imiphini kwinqubo zemfundo. Urhulumente,abazali,nabahlali kwakunye nabaqashi kufanele okokuba bazibandakanye kuxanduva kwezemfundo.Imfundo bekufanele okokuba ixhotyiswe ngemali ebekwe bucala kwi(budget) karhulumente (IFP Education Policy) kunyanzelekile.

UQOQOSHO; URHWEBO OKANYE UKWABELANA NGAMASHISHINI (Imizekeliso 10:2-4; Matewu 25:14-24; 2 KwabaseTesalonike 3:10)

22. ACDP - Olona rhwebo kuqoqosho,loludala amathuba empumelelo kumntu wonke..ukudala umsebenzi nokukhula kwezoqoqosho zibangwa lurhwebo oluvulekileyo noncedo okanye ngenxaso karhulumente (ACDP Policy Document Economy).
23. ANC - Sizibandakanye okanye sizifake kukhuphiswano, urhwebo lukhawuleza lukhule loluthi ludale amathuba emisebenzi kuye wonke ummi weli,nokunikezelwa kwengeniso kwakunye nathuba kwabangamahlwempu. (ANC Parliamentry Speech 14/6/1996) Sikwalile ukungabikho kwemigaqo engaluncedo kumaxesha esiphila kuwo,umbutho wethu,kwakunye nokuzibandakanya kwikamva elisezayo. (Socialism is the future,Build it Now! SACP Strategic Perspectives, April 1995)
24. CDP - I-CDP ixhasa "ilungelo lobunini labucala", noluntu olunelungelo lokufumana urhwebo olukhululekileyo olunoxanduva ebantwini.
25. COPE - Ikholelwa kungenelelo lukarhulumente "ukuzinzisa urhwebo" (Umqulu wemigaqo yeCOPE). Inxalenye yeenkokheli zeCOPE zisakuba ngamalungu ombuthu wamaKomanisi oMzantsi Afrika.
26. DA - Ikholelwa kwinkqubo yentlalontle yoluntu lonke. "Urhwebo olukhululekileyo apho lusetyenziswa ukuxhasa uluntu (impendulo yayo kwi-Policy Survey yeChristian Action Network).
27. FF - Iphakamisa urhwebo olukhululekileyo kodwa ayilugatyi ungenelelo lukarhulumente njengesisombululo xa kukho isidingo. Kurhwebo olukhululekileyo maxa wambi urhulumente kuyanyanzeleka ukuba angenelele. (Intetho ka Mnu. Willie Spies – ilungu lepalamente kwindlu yolawulo, 7 September 2004).
28. IFP - "Less government and less regulatory involvement in the economy - including extensive privatisation"' (IFP Economic Policy)

ISIGWEBO SENTAMBO KOBULELEYO (iGenesis 9:6; iEksodus 21:12-16; iNumeri 35:33; & KwabaseRoma 13:4)

29. ACDP - IACDP iyaqhubeka ngokuvumela isigwebo sentambo kwabo babulalayo, abadlwenguli ingakumbi kwabo badlwengula intsana nabantwana (Media release, Steve Swart 19/9/2003)
30. ANC - IANC yona ayihambisani kwaphela nesisimbo okanye lentshukumo(ngokubhekiselele kwisigwebo sentambo) (ANC Parliamentary Speech 19/6/1996)

31. CDP - Isigwebo sentambo kufuneka sibuyiswe sibe yinxalenye yenqubo yoluleko yezobulungisa (impendulo yayo kwi-Policy Survey yeChristian Action Network).
32. COPE - Ayisixhasi isigwebo sentambo kwimiqulu yabo yenqubo yokulwa nobundlobongela (Umqulu wonyulo weCOPE ka2009).
33. DA - Ngokwevoti kulo-mba wesigwebo sentambo thina sisibona siyingozi kakhulu (DP Parliamentry Speech 19/6/1995) asihambisani naso isigwebo sentambo kwi-Polisi yethu.
34. FF - "iANC kufuneka isibuyise isigwebo sentambo" – ngu Pieter Groenewald. Icatshulwe kwi "Ukubulawa kuka Leigh Mathews kubonisa isidingo sesigwebo sentambo". (Umpoposho woonondaba) 22/07/2004
35. IFP - "Inkxaso yesigwebo sentambo kumelele ihlolwe ngovavanyo zimvo." (Umqulu wezobulungisa we-IFP).

UKUZIKHUSELA (UKUPHATHA UMPU) (Imizekeliso 25: 26; Nehemiya 4:14; 1 KaTimoty 5:8)

36. ACDP - Ukufa okungalindelekanga konyukile,udlwengulo,ukuxhomisa zonke ezo zinto zicacisa kakuhle okokuba amapolisa ohlulakele ukukhusela abemi baseMzantsi Afrika.Ntoleyo iwenza okokuba akhusele iziqu zawo neentsapho zawo kuphela. (Media Statement by Steve Swart, 1/9/2003) Siyakuligcina ilizwe lethu likhululekile ngokuthi sibe nemigaqo yokulawola izixhobo ezinjengemipu.(ACDP Policy Document; Growth of Criminality) Siyakube sinikezela imithetho ethile elawula ukuphathwa kompu. (Policy Document Law Enforcement Conciderations) ungavoteli I-FCB 12/10/2000.
37. ANC - Iprogrami yolawulo lwemipu, inciphisa inani lemipu kubantu abathile.(ANC 1994 Election Manifesto). Votela i-FCB 12/10/2000.
38. CDP - I-CDP "ixhasa ilungelo loluntu olululamela umthetho lokuphata nokusebenzisa imipu ngenjongo yokuzikhusela". (impendulo yayo kwi-Policy Survey yeChristian Action Network).
39. COPE - Umluleki George, ongumququzeleli jikelele weCOPE ngexesha elilungu lepalamente emele i-ANC wavotela umthetho olawula ukuphatwa kwemipu (FCB).
40. DA- I-DP ayivoteli FCB 12/10/2000.
41. FF - Yavota ngokuchaseneyo nomthetho olawula ukuphatwa kwemipu. " Lomthetho mtsha ulawula ukuphatwa kwemipu uzakubangela ukuba kwande ukujikeleza kwemipu engekho mthethweni lonto yenze ulwaphulo mthetho lwande". 28/09/2009 Umphatiswa namapolisa bayekelele umxakatho mayele nemipu emitsha. www.vryheidsfront.co.za
42. IFP - I-IFP yona ivotelai i-FCB 12/10/2000.

UKUCHASA ABANTU BESINI ESINYE ABATHANDANAYO (Matewu 19:4-6; KwabaseRoma 1:24-32; 1KwabaseKorinte 6:9-10)

43. ACDP - Thina asikholelwa kumgaqo ovumela abantu besini esinye abathandanayo (ACDP Policy Document; Sexual Orientation)
44. ANC - Ngonyaka ka1987, i-ANC oku ikubona kukuhle kuba ikholelwa ekubeni ikhusela amalungelo abantu besini esinye abathandanayo.Ngoku ikubona yawuxhasa kumgaqo wayo. (Socialism is the Future, Build it Now! SACP Strategic Perspective,April 1995)
45. CDP - I-CDP iyalichasa ibango labantu abanesini esinye lokuba kuvunyelwa imitshato yabo. (impendulo yayo kwi-Policy Survey yeChristian Action Network).
46. COPE - Ixhasa uluntu apho ucalucalulo ngokwesini lusengelwa phantsi norhulumente athathe amanyathelo aqatha ukuphelisa ucalucalulo olunjalo. (Umqulu wemigaqo yeCOPE)
47. DA - Ilungelo lokuzikhethela isini ofuna ukthandana naso. (DP Vision, Core Values and Principles)
48. FF - Iyayichasa imitshato yabantu abanesini esinye. Umpoposho woonondaba: Kumiselwa emthethweni imitshato yabantu besini esinye. 1/12/2004. www.vryheidsfront.co.za
49. IFP - Wonke amalungu eFederal Republic of South Africa ayakwabelana ngamalungelo alinganayo.(IFP Constitutional Assembly Submission)

UKUCHASA UBANDLULULO KWAKUNYE NOBUHLANGA (Levetikus 24:22)

50. ACDP – "Umbutho we-ACDP uyasibona isidingo senkqubo yokuphelisa ukungalingani kwabantu ngokwebala. Kodwa, sikholelwa ukuba xa sifikelele kwinqanaba apho bonke abantu balingana khona, le nkqubo kumele ipheliswe." www.acdp.org.za/issues/
51. ANC - Ukuze sikwazi ukulilwa ucalucalulo kwiBill (AA) yintsebenziswano nenxaso evela kurhulumente (ANC Parliamentry Specch 20/8/98). Ikwayiyo nethe yawuveza lomba kwi-Agenda (Affirmative Action and the new Constitution)
52. CDP - I-CDP ixhasa "inqubo evulela amathuba ngokulinganayo engasekelwanga kubuhlanga". (impendulo yayo kwi-Policy Survey yeChristian Action Network).
53. COPE - ICOPE ixhasa ukumiselwa kwemiqathango "enokomeleza ukumiliselwa komthetho we-Employment Equity kunye ne-Broad Based Black Economic Empowerment…" (Umqulu wonyulo weCOPE ka2009).
54. DA - "Ingaba umbutho we-DA uyayixhasa na inkqubo yokuphuhliswa kwabantu abantsundu kwezomnotho neyokuphelisa ukungalingani kwabantu ngokwebala? …impendulo yalembuzo ngu'Ewe' ongathandabuzekiyo. Kodwa, lonto ayithethi ukuba siyayixhasa indlela i-ANC eyisombulula ngayo lengxaki. Umceli-mngeni wethu kukuphelisa ukungalingani kwabantu nokuphelisa ucalu-calulo." Inkokheli ye-DA, kwinkomfa yonoondaba, Ekapa, 24/11/13
55. FF - Iyawuchasa umthetho we-Affirmative Action. Umpoposho woonondaba: Umgaqo we-ANC waba ngokutsha intlupheko endaweni yobutyebi.
56. IFP - Ukanti yona i-IFP iyasixhasa esisivumelwano okanye lentshukumo okokuba imigangatho kwakunye namalungelo abantu mayilingane kwaye okoluxanduva lukarhulumente. (Correctional Service Policy)

For further documentation and other relevant articles visit:

www.SAvotersguide.org

.

I-Christian Action Network iguqulela imbono zamaqela ,kodwa hayi ngokupapasha incazelo ngepolisi kodwa ngezihloko zovoto kwakunye nentshukumo kuvoto (Matewu 7:20).
Sinesicelo kumaqela ezopolitiko okokuba athini wona ngalemiba. Nceda usithumelele ipolisi ebhaliweyo yithumele kwiChristian Action Network.